NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
NOVEMBER 2015

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA I
# ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER I

Ixesha: 2½ Iiyure Amanqaku: 100

---

**QAPHELA**

1. Eli phepha linamaphepha ali-18.
2. Phendula yonke imibuzo esephepheni.
3. Funda ngenyameko, uphendule imibuzo ngokwemiyalelo yayo.
4. Imibuzo yonke mayiphendulwe ngesiXhosa.
5. Umthamo wempendulo mawukhokelwe ngamanqaku.
6. Pela amagama kakuhle, wenze imihlathi ngokufanelekileyo.
7. KwiCandelo C **unyanzelekile** ukuba uwuphendule umbuzo **3.1**, umbongo ongamiselwanga.
8. Bhala cocekileyo.

---

IEB Copyright © 2015


# ICANDELO A

## UMBUZO 1

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo ngenyameko uze uphendule imibuzo engezantsi kwazo:

1.1

**KUBUHLUNGU UKUBHULISHWA**



1 UThemba nabanye abantwana babevela kwitheko lika-Andile. UThemba wayephethe ubhaka wakhe omhle omncinane. UThemba wayewuthanda kakhulu lo bhaka kuba wayewuthengelwe ngutatomkhulu wakhe. Aba bantwana babonwabile njengoko begoduka besiya emakhaya.

2 UThemba wayehamba phambili elandela amanye amakhwenkwe. La makhwenkwe ayekhokelwa nguSolani. USolani kunye nala makhwenkwe oxutha/athatha ngenkani ubhaka kaThemba. UThemba waleqeka emva kobhaka wakhe. Kwakuthi xa aza kufika kulowo uwuphetheyo ubhaka, lo unobhaka awuphosele enye inkwenkwe. Kwakhona aphinde nalowo awuphosele komnye. Ngamanye amaxesha uThemba ubekhubeka awe, aphinde avuke.

3 Ngexesha ebaleka uThemba elandela lowo uphethe ubhaka wakhe kwakumnandi kula makhwenkwe ehleka. Wayesele ebilile emanzi uThemba. Enye inkwenkwe egama linguZola yamqhula uThemba yathi, "Bamba sidenge!" Aye amhleka kakhulu amanye amakhwenkwe uThemba. Wayekhefuzela ngoku uThemba elila.

4 Akubona konke oku kwenzekayo uThabile, wakhathazeka kakhulu. Waxhuma nje kwakanye wawubamba ubhaka kaThemba, waze wamnika. Emva koko uThabile waya ngqo kuSolani. "Uhlekiselani ngoThemba? Ungathanda wena xa kunokudlalwa ngawe ubhulishwa ngolu hlobo?"

5 Badana ooSolani nabahlobo bakhe, baqala bayibona ngoku impazamo yabo. UThabile waya kuThemba wafika wamgona waze wamkhapha ukuya ekhaya.

[Sivela kwincwadi: *Sityal'ulwazi* ebhalwe ngu-K. Ngombane, Isigaba 5]

IEB Copyright © 2015

1.1.1 Jonga kumhlathi woku-1.

(a) UThemba nabanye abantwana babevela phi? (1)

(b) Wayewuthengelwe ngubani lo bhaka uThemba? (1)

1.1.2 Jonga kumhlathi wesi-2. Ngubani owathatha ubhaka kaThemba ngenkani? (1)

1.1.3 Jonga kumhlathi wesi-3.

(a) Bhala igama elisetyenzisiweyo elibonisa ukujongela umntu phantsi. (1)

(b) Nika **isichasi** seligama: 'kwakumnandi'. (1)

1.1.4 Jonga kumhlathi wesi-4. Bhala le ntetho kwingxelo-ntetho: "Uhlekiselani ngoThemba?" wabuza uThabile. (2)


1.1.5 Jonga kumhlathi wesi-5. Ingaba uThabile ngumntwana olungileyo? Ewe okanye Hayi? Xhasa impendulo yakho ngokucaphula isivakalisi esihambelana nempendulo yakho. (1)

1.1.6 Ngokolwakho uluvo, ingaba ilungile into yokuhlekisa/yokubhulisha abanye abantwana? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**

IEB Copyright © 2015

1.2






1 UMandisa Sandi wayehlala nabazali bakhe kwenye idolophana yaseKhimbali. Kufutshane nakowabo kwakukho ihotele ekudidi oluphezulu. Le hotele yayisandula ukuvulwa. Ukuzazisa nokuzipapasha eluntwini yaba nokhuphiswano. Olu khuphiswano lwalubhalwe ngolu hlobo: "Nawuphi na umntu onokutya iibhega ezintlanu ezinkulu ngemizuzwana nje embalwa uya kufumana ibhotile yebhiya simahla."

2 UMandisa wacaphuka kakhulu akuwubona lo mbhalo wokunyoluka, kwisixeko apho amawaka ngamawaka abantu babulawa yindlala yonke imihla. Ngokuncedwa ngumhlobo wakhe, walungiselela umboniso wokukhalaza ngakule hotele, waxhoma izibhengezo ezibhaliweyo. Umphathi wehotele wamxelela ukuba ukumhlaba angenamvume wokuba kuwo, ngoko ke makamke/asuke ngakwihotele yakhe.

3 UMandisa waya kuma ngakwindlela kawonke-wonke. Emva kweyure elapho kwathi gqi ootsotsi ngephanyazo. Bambetha baphula nezo zibhengezo zibhaliweyo wayezixhomile.

4 Ingaba le nto yayisenziwa nguMandisa yayifanelekile? "Ewe, yayifanelekile," watsho uMandisa. "Zange ndikulindele ukubethwa ngootsotsi. Kodwa kwacaca ukuba bahlupheka/bakhathazeka ngulo mboniso ndawenzayo. Xa umntu ekubona ukunyoluka ebantwini, ze abone ukungakhathalelwa kwabantu abahluphekileyo, kufuneka azame icebo lokutshintsha imeko," waphendula ngaloo mazwi uMandisa.

[Sivela kwincwadi *Umthombo*, Isigaba 8]

| **IGLOSARI** | |
|---|---|
| Simahla | mahala |
| Ukunyoluka | ukurhala/ukubawa |
| Umboniso wokukhalaza | uqhankqalazo |
| Kwisixeko | kwidolophu/kwindawo |
| Ngephanyazo | ngokukhawuleza |
| Ngokuphandle | cacileyo |

1.2.1 Jonga kumhlathi woku-1.

(a) Ngubani lo kuthethwa ngaye apha? (1)

(b) Wayehlala nabani lo mntu umxele apha ku-1.2.1(a)? (1)

(c) Yayikoluphi udidi le hotele kuthethwa ngayo apha? (1)

IEB Copyright © 2015

1.2.2 Jonga kumhlathi wesi-2.

(a) UMandisa wawenzela phi lo mboniso wokukhalaza? (1)

(b) Yintoni le eyabangela ukuba uMandisa enze umboniso wokunga-vumelani nesibhengezo solu khuphiswano lwehotele? (2)

1.2.3 Jonga kumhlathi wesi-3. Bhala phantsi **isifanekisozwi** esikulo mhlathi. (1)

1.2.4 Jonga kumhlathi wesi-4. Ingaba uMandisa wayekulindele ukubethwa ngootsotsi? (1)

1.2.5 Ingaba umphathi wehotele wayesenza okulungileyo ngokugxotha uMandisa? Ewe okanye hayi? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**

IEB Copyright © 2015

1.3 Funda le ngxoxo ingezantsi apha ephakathi kwabafundi ababini uSive noLona. Bancokola benjenje:



**ULONA:** Loo nto andigqibanga naloo msebenzi wasekhaya bendiwunikiwe izolo. Ndiyinto esuka idinwe nje iphelelwe ngamandla.

**USIVE:** Kwenzekani mhlobo wam, uyagula?

**ULONA:** Ntombi! Usabuza? Uthetha ukuba akuyiboni ingxaki yam? Njengokuba ndiyisoseji nje kule tyhunikhi, isuke yandipitsa! Umoya wam uphantsi ngohlobo olungathethekiyo koku kutyeba.

**USIVE:** <u>Ungazibulali mhlob'am</u>. Ndingakunika icebo endakha ndalinikwa ngumama. Kaloku umama yinesi.

**ULONA:** Lithini ntombi? Ndifuna into eza kundikhawulezisa ifunxe la manqatha.

**USIVE:** Uyalifuna? Mamela ke, kusasa yitya ukutya okuya egazini, umzekelo, ubisi malubekho kwisidudu sakho, iqanda elibilisiweyo, ukhe uyeke ukuqhotsa, kunye nesonka esibhrawn. Ukuba wenza njalo ke mhlobo, nasezifundweni uya kugqwesa.

**ULONA:** Ndakuzama Sive.

**USIVE:** Mamela apha, Lona, kaloku izifo ezininzi ezinjengesifo seTB, isifo seswekile, isifo ugawulayo, zingena lula kumntu ongatyi ukutya okuya egazini. Nabo bahlutshwa yi-*high-high* impilo yabo iyachaphazeleka.

**ULONA:** Masiyiyeke ntombi le ncoko. Le yokuba sisidudla ndiyayicaphukela! Andazi ingena phi le yezi zifo uzicingelayo (ebonakalisa ukukruquka/ ukudikwa).

[Sivela kwincwadi *Igrama noncwadi lwesiXhosa,* Isigaba 10]

| **IGLOSARI:** | |
|---|---|
| Ukuqhotsa | ukufrayisha |
| Uya kugqwesa | uya kuhamba phambili/uya kuphumelela |
| Indiza entloko | iyandikhathaza/iyandihlupha |
| Iyandipitsa | iyandibamba kakhulu/incinane kakhulu |

IEB Copyright © 2015

1.3.1 Bhala phantsi **isikweko** esisetyenziswe kule ncoko. (1)

1.3.2 Funda ibinzana elinomgca ngaphantsi. Uthetha ukuthini uSive xa athi, "Ungazibulali mhlob'am"? (1)

1.3.3 Ingaba ukutya okuya egazini:

(a) kokumnandi,
(b) kokusempilweni,
(c) kokutyebisayo? (1)

1.3.4 Gqibezela le ntetho ngokukhetha impendulo echanekileyo kwezi zidweliswe apha ngezantsi. Ingqondo ephilileyo ifumaneka kumzimba …

(a) odiniweyo.
(b) owondlekileyo.
(c) omkhulu. (1)

1.3.5 Nika izinto zibe mbini obunokumcebisa ukuba azenze uLona ukuba ebengumhlobo wakho. (2)

1.3.6 Ucinga ukuba kutheni uLona ekruquka esancokola kamnandi nomhlobo wakhe? (2)

1.3.7 Ingaba uSive ngumhlobo olungileyo okanye ongalunganga? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**

**30 amanqaku**

IEB Copyright © 2015

## ICANDELO B

## UMBUZO 2 USHWANKATHELO/ISISHWANKATHELO

**Shwankathela esi sicatshulwa ngamazwi akho. Bhala amagama angama – 70**.

**QAPHELA:**


- Ungabhala izivakalisi **ezintlanu ezinomthamo** ezibonisa iingongoma eziphambili;

  **OKANYE**

- **Umhlathana** oza kubonisa iingongoma ezintlanu eziphambili.

Xa ushwankathela yenza oku:
- Fundisisa isicatshulwa ude usiqonde ukuba sithetha ngantoni.
- Sebenzisa amazwi akho kangangoko unakho.
- Musa ukujikeleza/ukuwanqa, hlala emxholweni ungalibali luphinda-phindo olungena-msebenzi.
- Dwelisa izimvo zakho ngokulandelelana kwazo, ungaziqubudi, ungazidibanisi.
- Ubuchule kukuba uqale usibhale ecaleni phambi kokuba ubhale owona msebenzi uqonda ukuba ufezekile.
- Nceda ulibhale phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakuba ugqibile ukubhala isicatshulwa.

**ULUSU LOMNTU**



Ulusu lomntu lumalunga nemilimitha enye ukuya kwezine ubunzulu. Ludalwe lwangamacwecwe amabini – inwebu ekuthiwa yi-ephidemisi necwecwe elityebileyo elingaphantsi ekuthiwa yidesi. Inwebu engaphezulu ikholisa ukujika-jika. Umphezulu wayo wenziwe ngamasuntswana angaphiliyo (*dead tissues*). Kwisithuba seeveki ezimbini umntu ukhula amasuntswana olusu olungaphezulu amatsha. Ulusu olungaphantsi alujiki. Yiyo loo nto athi umntu ukuba usikekile okanye agruzuke avele isiphako (*a scar*).

Lubaluleke ngantoni ulusu? Ulusu luyamkhusela umntu. Okokuqala lukhusela umntu kwiintsholongwane. Okwesibini lugcina ubushushu bomzimba bungaphumi emzimbeni.

IEB Copyright © 2015

Okwesithathu ulusu lunemithambo yoluvo (*nerves*) esebenza ngendlela engummangaliso. Umntu akubetheka okanye akubamba into enokumenzakalisa, imithambo yoluvo ithumela umyalezo okhawulezileyo engqondweni. Imithambo yoluvo eseluswini ilumkisa umntu engozini imenze eve iintlungu.

Abantu abaninzi baya kuthanda ukusebenzisa i*make-up* kuba behombisa ulusu lwabo lobuso. Zonke izinto ezithanjiswa emzimbeni kufuneka zivavanywe phambi kokuba zisetyenziswe. Ezinye izinto ezithanjiswayo eluswini zinobungozi yaye zilwenza buhlungu ulusu. Ezo zinjalo azilunganga. Kwakhona, kubalulekile ukuba umntu ayihlambe i*make-up* xa eza kulala.

Ulutsha luyathandwa ngamaqhakuva ebusweni. La maqhakuva abangelwa ngamadlala akhupha amafutha olusu (*oil-glands*). La madlala akhupha i-oli ekuthiwa yisebham. Le sebham yenza ukuba ulusu luthambe yaye lungangeni manzi. Imingxuma yolusu ephuma ngayo isebham iyavaleka ngenxa yokungcola ze kuvele la maqhakuva.

Amantombazana namakhwenkwe afikelela ebudaleni, amalunga ne-15 ubudala adla ngokuba nala maqhakuva. La maqhakuva enziwa ziinguqu okanye lutshintsho olwenzeka eluswini ngexesha lokukhula. Nabona bantu bazigcina becocekile banokuba nawo la maqhakuva.

Anyangwa njani la maqhakuva? Qinisekisa ukuba ulusu lwakho lucocekile ngokuhlamba kabini ngemini. Yazi ukuba la maqhakuva awenziwa bubuxelegu yaye ukuluhlamba kakhulu ulusu lwakho lunokuwandisa. Loo nto ithetha ukuba elona cebo kukudibana nevenkile ethengisa amayeza. Ukuba akuncedakali nceda udibane nogqirha.

[Sivela kwincwadi *Umthombo*, Ibanga 8]

**10 amanqaku**

## ICANDELO C

## UMBUZO 3

**Unyanzelekile** ukuba uwuphendule lo mbuzo.

**Phendula yonke imibuzo ekweli candelo.**

## UMBONGO ONGAMISELWANGA

3.1

**IZILO – QABANE**



1 Nyawu! Nyawu! Nyawu!
Ndimncinci ndixhapha ubisi ngolwimi
Ndinyathela ngokuzola nangokucoselela,
Ndizingela iimpuku ezimoshayo,
Ndibukhali ndiyatsiba kuba ndiyazingela.

2 Hawu! Hawu! Hawu!
Amathambo, inyama
Ukwelusa imfuyo, amakhaya hawu!
Iimfama zikhokelwa ndim hawu!
Kodwa ndibethelwa ukuchitha imigqomo hawu!



3 Kwawu! Kwawu! Kwawu!
Ndihombisa ndihleli ekhejini.
Ndibulisa ndilinganise abathethayo
Ndimlomo ugobileyo nditya iinkozo.
Isithukuthezi lutshaba kum nakuwe
Ndineempiko kodwa andibhabhi, ndibophelelekile.

[Uvela kwincwadi *Umthombo*, Isigaba 8]

| **IGLOSARI** | |
|---|---|
| Qabane | mhlobo |
| Ndixhapha | ndisela |
| Ngokuzola nangokucoselela | ndiyachwechwa |
| Ndineempiko | ndinamaphiko |
| Ndibophelelekile | ndivalelekile |

3.1.1 Jonga kwisitanza soku-1.

(a) Sesiphi isilwanyana esibongwayo kwisitanza sokuqala? (1)

(b) Bhala igama elithetha into enye neli 'ezonakalisayo'. (1)

3.1.2 Jonga kwisitanza sesi-2.

Bhala izinto zibe mbini esiluncedo ngazo esi silwanyana kuthethwa ngaso apha. (2)

3.1.3 Jonga kwisitanza sesi-3.

(a) Sisetyenziswa njani emakhaya esi silwanyana sisekhejini? (1)

(b) Bhala igama elichasene/**isichasi** seli gama 'ndibophelelekile'. (1)

(c) Bhala imiqolo/imigca ibe mibini ebonakalisa imvano-siqalo. (1)

(d) Nika **umxholo** wesi sitanza ngesivakalisi esinye. (1)

(e) Nika uluvo lwakho malunga nempatho yesi silwanyana kuthethwa ngaso. Ingaba ilungile le ndlela esiphethwe ngayo? Xhasa uluvo lwakho. (2)

**[10]**

## IMIBONGO EMISELWEYO: (ed) R. H. KASCHULA

3.2

**ULWIMI – M. MAKI**

1 Ulwimi sisixhobo esikhulu,
Lukhulu ngaphezu komzimba,
Sesona sixhobo sikhulu emzimbeni,
Nangona sikhangeleka sisincinane.

2 Ngolwimi ubani uyathetha,
Ethetha izinto ezintle nezimbi,
Ukanti kwangalo uyahleba,
Ehleba abanye abantu.

3 Hayi kambe ulwimi,
Olu lwimi luyakwazi nokuchitha,
Nokuchitha okungaphakathi,
Okungaphakathi emntwini.

4 Sisixhobo esikhulu ulwimi,
Esifuna ukuphathwa kakuhle,
Ngenene lusisixhobo esifuna ukulolongwa,
Ukulolongwa maxesha onke.

5 Musa ukuludela ulwimi lwakho
Akunike lona uYehova uMdali.
Qhayisa ngolwimi lwakho,
Kuba akukho lwimi lukhulu kunolunye,
Ewe alukho phantsi kwelanga,
Zonke iilwimi ziyalingana,
Ngoko sukulujongela phantsi olwakho,
Nalo lubalulekile njengezinye iilwimi
Ezikhoyo ehlabathini,
Ngoko masanele lulwimi asinike lona,
Asinike lona uQamata,
Masingasoli koko masiluphakamise,
Khon'ukuze lube nokuxabiseka,
Olu lwimi lwethu.

IEB Copyright © 2015

3.2.1 Jonga kwisitanza soku-1. Umbhali usebenzise **esiphi isafobe** xa esithi, 'ulwimi sisixhobo'? (1)

3.2.2 Jonga kwisitanza sesi-2. Zizinto ezinjani ezinokuthethwa ngolwimi? (1)

3.2.3 Jonga kwisitanza sesi-3. Uthetha ukuthini umbhali xa athi ulwimi luchitha okungaphakathi emntwini? (1)

3.2.4 Jonga kwisitanza sesi-4. Ucinga ukuba kutheni umbhali esithi ulwimi lufuna ukuphathwa kakuhle? (1)

3.2.5 Jonga kwisitanza sesi-5.

(a) Loluphi olu lwimi athetha ngalo umbhali? (1)

(b) Nika **isithetha-ntonye** seli gama, 'uQamata'. (1)

3.2.6 Uthini **umxholo** walo mbongo? (2)

3.2.7 Wena ucinga ntoni ngemeko yolwimi apha eMzantsi Afrika? Ingaba ziyalingana okanye azilingani? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**

3.3

**BUPHI NA UBUHLE? – (M. M. M. DUKA)**

Busesimilweni esingenamibimbi,
Nokuba onaso unemibimbi,
Buseluncumeni olushushu lommelwane,
Ontliziyo ishushu luthando,
Buselulwimini olungumkhala womlomo,
Abambeke amazwi angadlokovi.

Busendebeni ephuphumayo yesihobe,
Kurhatyulwe iwayini enencasa yemihobe,
Kudandulukwe ngeengoma ezimnandi,
Onwabe onke amanxila esihobe.

Buseluvukweni mhla ngendanduluko,
Abafi basive isandi phantsi komhlaba,
Aqhaqheke amadlaka baphume,
Baphaphe bakhawulele iNkosi enkulu.

3.3.1 Ithini imfundiso yalo mbongo? (1)

3.3.2 Ithetha ukuthini imbongi xa isithi, 'Nokuba onaso unemibimbi'? (1)

3.3.3 Ngabantu abanjani amanxila esihobe? (1)

3.3.4 Jonga umqolo/umgca we-7–10. Uthetha ngantoni apha umbhali? (1)

IEB Copyright © 2015

3.3.5 Elinye igama elithetha into enye neli, 'idlaka': Khetha impendulo efanelekileyo kwezi zilandelayo:

(a) Isifihlo
(b) Ingcwaba
(c) Umngxuma (1)

3.3.6 Ngubani le Nkosi enkulu ekuthethwa ngayo apha? (1)

3.3.7 Loluphi udidi lombongo olu? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

3.3.8 Bhala phantsi iindawo zibe mbini apho bufumaneka khona ubuhle. (2)
**[10]**

**30 amanqaku**

## ICANDELO D

## UMBUZO 4

Funda ngenyameko esi sibhengezo-ntengiso silandelayo uze uphendule imibuzo:




[Sivela kwincwadi i*BONA*, November 2013]

IEB Copyright © 2015

4.1 Nika **imveliso** efanele ukusetyenziswa emakhwapheni. (1)

4.2 Ukutshiswa lilanga kungakhokelela kwesiphi isifo sesikhumba? (1)

4.3 Mingaphi imizuzu ekufuneka ithanjiswe ngayo i*sunscreen* phambi kokuphuma elangeni? (1)

4.4 Yeyiphi eyona *sunscreen* ekucetyiswa ukuba mayisetyenziswe? (1)
**[4]**

**UMBUZO 5**

Bhala esi sivakalisi kula maxesha alandelayo:

| Iswekile ilinywa kakhulu eThekwini kwiPhondo lakwaZulu-Natal. |
|---|


5.1 Kwixesha eladlulayo. (1)

5.2 Kwixesha ebelidlula. (1)
**[2]**

IEB Copyright © 2015

## UMBUZO 6

Funda le khathuni ingezantsi apha uze uphendule imibuzo.




[Sivela kwincwadi *Umthombo*, Isigaba 8]

6.1 Xela ukuba bazalana njani aba bancokola apha. (1)

6.2 Nika iindidi zonxibelelwano zibe mbini ezichazwe kule khathuni. (2)

6.3 Bhala phantsi **isifaniso** esisetyenziswe kwifestile yesi-3. (1)

6.4 Esi saci, 'Ndakuyicel'ivuthiwe', sithetha:

Khetha impendulo efanelekileyo kwezi zilandelayo.

(a) Ndakukhe ndizame.
(b) Ndakukhe ndibuze kwabanye abantu.
(c) Ndakukhe ndibone. (1)

6.5 Ingaba uyavumelana na nale nkwenkwana ukuba ubomi bubhetele kunakuqala? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[7]**

## UMBUZO 7

Bhala ezi zivakalisi kwi**silanduli**:

7.1 Ukucula sisiphiwo sakhe. (1)

7.2 Funda iincwadi zakho! (1)

7.3 Ndilambile. (1)
**[3]**

## UMBUZO 8

**Lungisa** la magama akwizibiyeli apha ngezantsi ukuze izivakalisi zinike intsingiselo eyiyo. Musa ukusibhala sonke isivakalisi:

UMZEKELO: UThemba (bulisa) noJohn emva kwecawa
IMPENDULO: (bulisa) = ubulisana.

8.1 (nxiba) umntwana lo Themba, kuyabanda! (1)

8.2 UThemba u(thuma) qho ziititshala kuba uya (thuma). (2)
**[3]**

## UMBUZO 9

Kukho **iimpazamo** ezenziwe ngabom apha ngezantsi. Wena phinda ubhale le ntetho **ulungise** iimpazamo ezenziweyo:

Uzoleka uphiwe iiswiti ikeyiki kunye nonodoli ngemini yakhe yokuzalwa. Utye kakhulu iiswiti ngoku unenxaki yesisu esibuhlungu **[4]**

## UMBUZO 10

Lungisa amagama akwizibiyeli ngokufakela **izivumelanisi** ezifanelekileyo:

10.1 UThemba ngumfana (de). (1)

10.2 Abantwana ba (isikolo) kufuneka bafunde iincwadi zabo. (1)
**[2]**

## UMBUZO 11

Fakela **izihlanganisi** ezifanelekileyo kwezi zivakalisi zilandelayo.

**Khetha kwezi zilandelayo:**

| |
|---|
| ukuba; xa; nokuba; hleze |

11.1 Gcina imali kwangoku __________ uliswele ithuba/ungabinaxesha emva kwangoku. (1)


11.2 Lo mntwana akandixelelanga __________ uyeza. (1)

**[2]**

## UMBUZO 12

Funda ngenyameko le ncoko uze uphendule imibuzo elandelayo.

**Inqununu ayihlalanga kakuhle ngabafundi phaya esikolweni:**




[Sivela kwincwadi: *Sityal'ulwazi* ebhalwe ngu-K. Ngombane, Isigaba 5]

12.1 Ucinga ukuba ingantoni le ngxoxo ingasentla apha? (1)

12.2 Jonga kwibhokisi yoku-1. Khetha **isimnini** usibhale phantsi. (1)

12.3 Jonga kwibhokisi yesi-3. Nika **isichasi** seli gama elikrwelelwe umgca ngaphantsi. (1)

**[3]**

**30 amanqaku**

**Ewonke amanqaku: 100**

IEB Copyright © 2015

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
NOVEMBER 2015

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA II**
**ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER II**

Ixesha: 2½ Iiyure | Amanqaku: 100

---

## IMIYALELO

1. Eli phepha linamaphepha ali-8.
2. Eli phepha linamacandelo amabini (u-A no-B).
   - Icandelo A: Amabali amafutshane
   - Icandelo B: Imihlathana emide nemihlathana emifutshane
3. Kwicandelo B – Bhala umhlathana omde omnye; nomhlathana omnye omfutshane.
4. Imibuzo mayiphendulwe ngesiXhosa.
5. Umthamo wempendulo yakho mawukhokelwe ngamanqaku owanikiweyo.
6. Bhala isivakalisi esipheleleyo xa umbuzo ufuna oko.
7. Abaviwa baya kohlwayelwa ukungasebenzisi kakuhle ulwimi.

---

IEB Copyright © 2015

## ICANDELO A IDRAMA: *ISENGWA NGOYAZIYO* – A. YAPI

## UMBUZO 1

## IBALANA: *NGOWETHU SOBABINI LO MNTWANA*

1.1 Funda eli balana uze uphendule imibuzo elandelayo.

Zadlula zambini iinyanga kungekho onxulumana nomnye. Yamxaka ingamxaki loo nto uZuziwe, njengoko wazigqibela ukuba akabanga namdla kuye uTandimfundo. Kwiivekana emva koko, uZuziwe wazibona sele emfownela, emcela ukuba badibane. Waya endlwini kaZuziwe uTandimfundo, apho wafika ehleli nomntwana oyintombazana, owayekwiminyaka emibini ubudala.
"Molo Zuzie," wabulisa ewola umntwana ogaqayo, elinga ukumteketisa. Wajonga uZuziwe yena umntwana, wakhala, ezinabisele kuye iingalwana zakhe. Wamfunqula uZuziwe.
"Ngumntwana kabanina wethu lo omhle kangaka, *petunana*?"
"Ngowethu sobabini."
Ngeba wahleka uTandimfundo yiloo mpendulo, kodwa wathi akubona inkangeleko kaZuziwe, wazinqanda kwangoko.
"Ngumntwana wethu njani, singazange sadlala qatha?"
"Igama lakhe nguVuyolwetu Mtanase. Mandiqale ngale. Ndakuxelela ukuba wasuka wanyamalala uMhlangabezi. Phambi kokuba anyamalale, ndaye ndeva aph'esithubeni ukuba akayisebenzisi ikhondom. Sukela apho, ndanyanzelisa ukuba siyisebenzise. Wakhalala, wandiyeka. Nam ke ndaqonda ukuba andinakuzifaka engozini, ndamncama. Ngenye imini, kwaye kwafika oonesi bakagawulayo emsebenzini beze kusikhuthaza ukuba sizihlole, ndaya. Yakufunyanwa, ndayiphikisa into yokuba mna Zuziwe Mtanase, ndinengculaza. Ndamana ndisiya kuzihlola, yamana ukuvela nayo. Bathi abongi-mpilo mandiqalise ukuthatha iipilisi, kuba kwakufumaniseka ukuba izikhuseli-mzimba zam ziyehla.
Bayibhuda ngokuthi, ukhe ndaqalisa ukuzithatha ezo pilisi, kuya kuba ngunaphakade oko, ndaqonda ukuba andiyingenanga tu ke eyokuphila *artificially*.
Ngenye imini ndimamele ireydo ndeva ukuba kwenza umahluko ebomini bomntu ophila nengculaza ukuthatha iipilisi zayo kusekutsha, ndaqonda ukuba mandingene ehlelweni lazo. Ndandisele ndizamkele, noko ngoku.
Kwathi kanti ndizincedile, kuba kungokunje ayisabonakali. Kodwa bathi mandiqhubeke ndizithatha, kuba ayikuba iphelile, ntokunayo isalele. Ndisazithatha ke nangoku. Ngubani owaziyo ukuba kuya kuze kuvele ichiza elinokuyinyanga?"

1.1.1 UTandimfundo wafika ehleli nabani uZuziwe? (1)

1.1.2 Buthini ubudala balo mntu? (1)

1.1.3 Ngubani igama lakhe? (1)

1.1.4 Sesiphi esi sifo uZuziwe wafumanisa ukuba unaso? (1)

1.1.5 Ngubani owayethandana noZuziwe phambi kokuba adibane noTandimfundo? (1)

1.1.6 Wathini uTandimfundo xa uZuziwe esithi, "Ngowethu sobabini lo mntwana"? (1)

1.1.7 Ingaba kufuneka aziphathe njani umntu xa enesi sifo? Bhala iingongoma zibe mbini. (2)

1.1.8 Zithini izimvo zakho ngokuzikhusela kugawulayo? Bhala zibe mbini. (2)

IEB Copyright © 2015

1.2 Abalinganiswa

Tshatisa uKholam A noKholam B. Bhala unobumba kuphela.

Umz: 1.2.1 (G)

| KHOLAM A | | KHOLAM B | |
|---|---|---|---|
| 1.2.1 | Uthandana noSkumbuzo, bahlala kunye eRhawutini. | A | UNtshumayelo |
| 1.2.2 | Lilungu le*Young Liberation Freedom Party*. | B | UMhlangabezi |
| 1.2.3 | Waba ngumlinganisi kwi-*American Ninja IV*. | C | UJerico |
| 1.2.4 | Wayethandana noZuziwe. | D | UMbalenhle |
| 1.2.5 | Ngumntwana kaSis'Miriam. | E | UThembalabantu |

(5)
**[15]**

**UMBUZO 2**

2.1 Yinyani okanye bubuxoki. Xhasa impendulo yakho ukuba bubuxoki.

2.1.1 UNorunki uthengisa iziyobisi.

2.1.2 U-Amanda yeyona ntombi igqwesileyo ngobuhle kwelaseMnyameni.

2.1.3 UTandimfundo noZuziwe bayathandana.

2.1.4 UMcebisi ngumhlobo kaThembalabantu.

2.1.5 ULumumba ligqala lombutho i-ANC.

2.1.6 UNtshumayelo ngumdlali webhola.

2.1.7 UKudzai ukhulele eMzantsi Afrika. (10)

2.2 **IBALANA: *KWELASEMNYAMENI***

**Isimo sentlalo**


Bhala ngokufutshane ubalise ngendlela abaphila ngayo abantu base*Mnyameni*. (5)
**[15]**

IEB Copyright © 2015

## UMBUZO 3

UNtshumayelo kwibalana ***INKUNKUMA*** noSkumbuzo kwibalana ***ISENGWA NGOYAZIYO*** bancokola ngobomi babo. Bhala le **ncoko**.

Incoko yakho mayibe ngamagama ali-**120** ubude. Gxininisa kwezi ngongoma:




**[10]**

## UMBUZO 4

**IBALANA: *UHAMBO LUKAKUDZAI***

Bhala **isincoko** esingamagama ali-**180 – 200** ubude. Balisa ngobomi bukaKudzai. Landela ezi zihloko.

- Abazali bakhe.
- Intlekele eyehla/eyenzeka eBeit Bridge.
- Iziganeko ezenzeka eGoli.
- Ubomi bakhe eKapa.
- Impumelelo yakhe.

**[20]**

**60 amanqaku**

IEB Copyright © 2015

## ICANDELO B

## UMBUZO 1 IMIHLATHANA EMIDE

Khetha umhlathana omde ube MNYE kule ilandelayo. Umhlathana wakho kufuneka ube ngamagama ali-**150** kuya kuma-**200** ubude.

1.1 **Ileta yobuhlobo**

Bhalela umhlobo wakho oseMelika umbalisele ngezinto eziqhubekayo/ezenzeka kwipalamente yaseMzantsi Afrika.



(30)

**OKANYE**

1.2 **Ileta yoburhulumente**

Bhalela urhulumente ukhalaze **ngempatho-mbi kubafazi nabantwana**. Yiba neengcebiso zokuba ingapheliswa njani le nto.




(30)

**OKANYE**

1.3 **Isincoko**

Bhala isincoko ngendlela onqwenela **ikamva lakho** libeyiyo. Landela ezi zihloko:

- Ufuna libenjani ikamva lakho?
- Zintoni izinto oza kuzenza ukuze ikamva lakho liqaqambe?
- Zeziphi izifundo ekufuneka uzithathe ukuze uphumelele?
- Ingaba bakhona abantu abakuxhasayo? (30)

**OKANYE**

1.4 Bhala **inqaku kwiphephandaba** ngendlela ulutsha oluphila ngayo kule mihla. Sebenzisa ezi ngongoma ukukunceda:

- Ubuhlobo nabazali.
- Ubuhlobo esikolweni.
- Ubuhlobo neentanga zabo.
- Indlela abazonwabisa ngayo. (30)

**[30]**

**UMBUZO 2 UMHLATHANA OMFUTSHANE**

Kule mibuzo, khetha umbuzo ube MNYE. Umhlathana wakho kufuneka ube ngamagama ali-**120 – 150** ubude. Bhala irivyu, ingxelo okanye isaziso ntengiso.

2.1 Bhala **irivyu** ngefilim okanye umboniso bhanya-bhanya obukhe wawubukela. Kufuneka irivyu yakho iquke oku:

- Igama lomboniso bhanya-bhanya.
- Umbhali.
- Abalinganisi abaphambili.
- Umxholo womboniso bhanya-bhanya.
- Imfundiso.
- Izimvo zakho.











(10)

**OKANYE**

2.2 Uyintatheli; bhala **ingxelo** ngobundlobongela eMzantsi Afrika.



(10)

**OKANYE**

2.3 Yenza **isaziso ntengiso** (*advertisement*) ngemveliso oyithengisayo.

Landela lo mgaqo. Kufuneka intengiso yakho iquke oku:

- Igama lemveliso yakho.
- Izinto ezithi zisetyenziswe ukuthengisa imveliso.
- Ngoobani abasetyenziswayo kwintengiso.
- Isilogani.
- Le ntengiso ijolise okanye ibhekiselele koobani. (10)

**[10]**

**40 amanqaku**

**Amanqaku ewonke: 100**

IEB Copyright © 2015